# Umnyama kaNyaniso



Molteno

Yayithe gqolo ukunetha imvula.

“Iya kuze iyeke bethuna ukuna le mvula?” wazibuza uNyaniso.



Yakuqabuka imvula, kwabonakala kuphuma ilanga.

Kwakukho imingxunya yamanzi ndawo yonke egadini.

UNyaniso wabona umnyama esibhakabhakeni! Wawumhle kakhulu umnyama.



Wanxiba izihlangu zodaka waya kudlala phandle. Wabona umnyama kumngxunya wamanzi.

Wawumhle kakhulu umnyama.



Ebusuku uMama wamenzela ibhafu enogwebu.

UNyaniso wakha ugwebu waluphakamisela ekukhanyeni.  Wabona umnyama omhle kakhulu kwelo gwebu.



Ngosuku olulandelayo uMama noNyaniso baya elwandle.

Wachola amaqokobhe olwandle esantini. Wabona umnyama omhle kakhulu kwelinye lamaqokobhe.



Wathi xa eza kulichola labhekeliswa ngamaza. “Ndifuna umnyama wam omhle,” wacinga uNyaniso.



Bagoduka wafika wakhupha ipeyinti nephepha elikhulu uNyaniso.

Wapeyinta umnyama ngemibala esixhenxe:

obomvu, omthubi, obhlowu. o-orenji, oluhlaza, ozuba nomfusa.



UNyaniso wawuxhoma umzobo wakhe eludongeni. Ekugqibeleni naye wayenomnyama omhle kakhulu!

